

UMama noTsakani baye evenkileni bayokuthenga imifuno yesidlo sangokuhlwa.



UMama ufaka isipinatshi etrolini. “Siza kutya isipinatshi kwisidlo sangokuhlwa.”utsho uMama. *Isipinatshi siwalungele amajoni omzimba.*

“Andiyithandi imifuno,” utsho uTsakani.



UMama uthatha umbona. “Siza kutya umbona kwisidlo sangokuhlwa.” utsho uMama. *Umbona uwulungele umzimba.*

“Andiyithandi imifuno,” utsho uTsakani.



“Baleka undithathele itswele.  Siza kufaka itswele kwisidlo sangokuhlwa.” utsho uMama. *Amatswele aphucula amajoni omzimba.*

“Andiyithandi imifuno,” utsho uTsakani.



UMama ufaka iimbotyi eziluhlaza etrolini. “Siza kutya iimbotyi eziluhlaza kwisidlo sangokuhlwa,” utsho uMama. *Iimbotyi eziluhlaza zikhusela igazi emzimbeni.*

“Andiyithandi imifuno,” utsho uTsakani.



UMama uthatha iitumata. “Siza kufaka iitumata kwisidlo sangokuhlwa,” utsho uMama. *Iitumata zinciphisa ukudumba emzimbeni.*

“Andiyithandi imifuno,” utsho uTsakani.



“Baleka undithathele iitapile Tsakani,” utsho uMama. “Siza kutya iitapile kwisidlo sangokuhlwa,” utsho uMama. *Iitapile ziyilungele imizimba.*

“Andiyithandi imifuno,” utsho uTsakani ebudikwa.



Ekhaya uMama uhlamba imifuno, ayichube ayinqunqe. Ufaka imifuno embizeni agalele amanzi.



UMama upheka inyama nemifuno. Ugalela ityuwa nepepile embizeni. Upheka umqa ngembiza enkulu. Isityu sinuka kamnandi.



Ngobo busuku, uTsakani watya izitya ezimbini zesityu esinemifuno ezonwabele!



“Andiyithandi imifuno kodwa ndiyasithanda isishebo,” utsho uTsakani.

UMama wagigithekela yedwa.